# *Ukungcwatywa*

Bawo waseZulwini osikelelekileyo, kunye no—noBukho boMoya oyiNgcwele sele bulapha, sisondela kwiLizwi Lakho eliNgcwele. Kwaye nangona ngelizwi elibi ndizama ukuzibamba, kwaye ndithethe amagama ngokuthe ngcembe kunye nokugxininisa kangangoko ndinako, Ndicela inkokhelo Yakho eNgcwele kunye nentambiso kaMoya oyiNgcwele ihamba hambe phakathi kwethu ngobu busuku. Kwaye wanga Lowo ukho ndaweni zonke, wanga Angathabatha iLizwi likaThixo alinike yonke intliziyo, njengoko sinentswelo. Wanga Angasondla ngokuhlwanje, kwizinto ezilungileyo zikaThixo.

2 Kwaye ngokuhlwanje, ngeli thuba sisathetha eLizwini, zanga iintliziyo zethu zingaba ziimayile ezininzi ukungena eKhalvari, apho uYesu wahlawula elaxabiso elaneleyo elalifuneka kwimigwebo emikhulu kaThixo, kumyezo wase-Eden. Kwaye namhlanje sanga singaqonda ukuba sigwetyelwe simahla ngovuko Lwakhe, nangokufa Kwakhe, ukungcwatywa, nokuvuka.

3 Kwaye, ngokuhlwanje asisengabo abehlabathi, Kuba sathengwa ngexabiso leGazi elixabisekileyo loNyana kaThixo. Kwaye sanga, ngeentliziyo ezinombulelo, singaphendukela kuWe ngobubusuku, ngayo yonke ingqondo namandla, nako oko sinako ngaphakathi kwethu, kwaye sikhonze Wena ngenyulu, engakrexezwanga intliziyo.

4 Siphe ngobubusuku, Bawo, ukuba bekuyakubakho abathile apha abangakwaziyo Wena, ekuxolelweni kwezono zabo, banga ngobu busuku bangeza ngokuzithoba emnqamlezweni, kwaye phaya bazivume izono zabo kuThixo olilungisa, ukuba axolele. Kwaye yanga obu ingaba bubusuku obukhulu kuthi sonke. Sikucela eGameni loNyana Wakho, iNkosi uYesu. Amen.

5 Ngoku siyaqonda ukuba akukho namnye, emhlabeni, onako ngokwaneleyo ukuthabatha iLizwi likaThixo aze aLityhile, ngokuba iLizwi libhalwe ngempefumlelo. UMoya oyiNgcwele nguMbhali weLizwi.

6 Kwaye xa ubani wayefunwa, eZulwini, ukuba athabathe iNcwadi aze avule aMatywina, akufunyanwanga namnye eZulwini, nasemhlabeni, naphantsi komhlaba, owayekufanele ukukhulula aMatywina, okanye nokujonga eNcwadini. Kwaye kwakukho iMvana Phaya eyayixheliwe kwasekusekweni kwehlabathi, kwaye Iyeza yaze yayithabatha iNcwadi esandleni saLowo uhleli phezu kweTrone, yaze wakhulula aMatywina wavula iLizwi.

7 Kwaye ngokuhlwanje siyakholwa kwaye sithembele kuYe, ukuba Uyakusivulela iLizwi, kwaye ngoku njengoko ndifunda kwisahluko se-2 seZenzo.

8 Njengoko ndinikezela, ubusuku bokuqala yayiku*Kubuya kweSibini*, kwaye...kweNkosi uYesu, kungoLwesithathu. Kwaye ngobusuku bangoLwesine babukwi*Dini eLonele Konke*. Kwaye ubusuku bangoLwesihlanu babukwi*Sicamagushelo ESanele Konke*; *Egqibeleleyo*. Ingaba niyifumene phezolo? *Egqibeleleyo*, indlela esinokuze sibe asinaphako kwaye sigqibelele ngayo emehlweni kaThixo! Kwaye ngobubusuku buku*Kungcwatywa*. Kwaye ngomso, *Uvuko*. Kanye njengokuba iintsuku zilandelelana.

9 Ngoku ndikhethe ngobu busuku, ukwenzela ukufunda kwam iSibhalo, iphuma kwiNcwadi yeZenzo, isahluko se-2 nowama-25, wama-26, nowama-27 imiqolo, zidibene. Kwaye Ifundeka ngolu hlobo, uPetros ethetha.

> uDavide, *kuba uDavide* wathetha *ngokubhekiselele ngaye, Ndahlala ndiyibona iNkosi phambi kwamehlo am, ngokuba ingasekunene kwam, ukuze ndingashukunyiswa:*
>
> *Ngenxa yoko intliziyo yam yaba nemihlali, lwagcoba nolwimi lwam; ngaphezu koko kananjalo ke inyama yam iya kuphumla inethemba:*
>
> *Ngokuba aku*yi *kuwushiya umphefumlo wam kwelabafileyo, kananjalo aku*yi *kumnikela OyiNgcwele* wakho *ekuboneni ukubola*.

10 Onjani wona ukuba mhle umxholo ngobu busuku, ukuze ufumane umxholo wokuba Yena esengcwabeni.

11 Into yokuqala esinqwenela ukuyijonga...ukutsalela ingqalelo yenu kuyo, kukungabinakusilela kweLizwi likaThixo. UThixo uyaligcina iLizwi Lakhe, ngokucokisekileyo. Kwaye ngokuhlwanje sifuna ukubethelela iingcinga zethu kuloo nto, ukuze uThixo aligcine iLizwi Lakhe. Singaphumla ngengqiniseko ngayo nantoni na ayithethileyo uThixo eLizwini Lakhe, ukuba iyiNyaniso. Kwaye ukholo aluphumli phezu kwentlabathi eshukumayo yeengcamango zomntu okanye imfundiso yezenkolo yomntu, kodwa lunendawo yalo yokugqibela yokuphumla kwiLiwa elingashukumiyo leLizwi likaThixo elinguNaphakade.

12 ILizwi! Ukuba uThixo uyithethile, yiNyaniso leyo ngonaphakade. Akanakuze ayibuyisele umva athi, “Bendingathethi yona.” Ndingatsho izinto kwaye ungathetha izinto, emva koko sithambekele ekubeni siyibuyise, kuba sayithetha ngokungcono kokwazi kwethu nangokungcono kwesakhono sethu. Kodwa, ngoko, uThixo wahluke kakhulu kuthi. Akanasiphelo, ngoko ke Akathethi nto ngaphandle kokuba igqibelele ngokupheleleyo. Akaze kufuneke ayisuse,

akaze kufuneke acele uxolo ngento Ayithethileyo. Ihlala imile, iNyaniso.

13 Nkqu nakuYesu, kwezi ntsuku zinkulu sizibhiyozelayo, xa ngokwenene uThixo wambulala uNyana wakhe ngenxa yezono zehlabathi, mhlawumbi kwakungamawaka eminyaka ngaphambi kokuba kwanesiseko sibekwa. UThixo wathetha iLizwi, kwaye Liyimveliso egqityiweyo eZulwini xana uThixo walithetha; sele igqityiwe. Owu, ukuba nje besinokuqonda ukuba kuthetha ukuthini oko, besiya kuba ngabantu abahluke kangakanani na! Ukubona kwiNcwadi Zakhe, imigwebo ebekwe apha ukwenzela abangevayo, bekuya kumenza umntu azicikide, iyure ngeyure; kwaye iyakwenza amalungisa avuye, iyure ngeyure, ukufunda iintsikelelo athe uThixo wazithembisa kwabathembekileyo. Kwaye singaqiniseka ukuba lonke iLizwi liyakuzaliseka, similisele nje umphefumlo wethu kulo. Kwahlala kungalo ndlela.

14 Xa uThixo wathetha kuNowa, emva kudala kakhula kwixesha likanogumbe; mhlawumbi ngaphambi kokuba iBhayibhile yakhe yabhalwa, okanye le iBhayibhile, nakanjani na, yakhe yabhalwa; UThixo waxelela uNowa ukuba kwakusiza isaqhwithi, kwaye amanzi ayeza kuwugubungela umhlaba. Kwaye ngaphandle kobungqina bokuba iyakwenzeka, yonke into ichasene kakhulu, UNowa washukuma ngokoyika, wawakha umkhombe, wawulungisa. Yayisenzelwa ukusindisa indlu yakhe kunye naye ngokwakhe. UThixo akazange amdanise, ngokuba yayiliLizwi Lakhe. Kwakufanele kwenzeke xana uThixo wayethe kuyakwenzeka.

15 Ngoku, xana uYobhi, eyona Ncwadi indala eBhayibhileni, eyabhalwa mhlawumbi ngaphambi kokuba iGenesis ibhalwe, yaye yayiqukiwe eBhayibhileni. Kwaye uMoses wabhala iGenesis. UYobhi, eNcwadini yakhe, waphumla ngokundilisekileyo phezu kwedinga uThixo awamenzela lona. Wema ngasedinini lakhe elinyukayo, engenaloyiko entliziyweni yakhe; esazi ukuba, oko uThixo akuthethileyo, uThixo wayenako ukukwenza. Kwaye xana yonke into yayibonakala ihamba ngokuchasene, uYobhi wema eqinile kuba isithembiso sikaThixo sasiqinile. UThixo wamthembisa uYobhi, waze uYobhi waphumla kweso sithembiso.

16 Owu, ukuba ibandla lingaze lifikelele kuloo ndawo apho belinokuphumla ngokundilisekileyo phezu kweLizwi likaThixo elinguNaphakade ukuba libe yiNyaniso! Onjani umahluko obunokubakho, okunjani ukulungiswa obekuya kubakho, okunjani ukunqunyulwa obekuya kubakho, olunjani uvuyo obeluya kubakho, anjani amandla abeya kubakho, xa amadoda nabafazi bebeya kumthabatha uThixo ngoko akutshoyo, oko Akuthethileyo kuyiNyaniso. Nokuba iimeko zikhangeleka njani na, loo nto ayinanto yakwenza nayo. UThixo utshilo njalo; oko kuyigqibile!

17 Kwaye uYobhi, xana wayekwelona xesha linzima lokulingwa kuwo onke amava akhe; akuba wayefunyenwe, eBukhoneni bukaThixo, indoda elilungisa. KwanoThixo wathi wayefezekile. kwakungekho namnye unjengaye ehlabathini. Kwaye uSathana wanikwa inyhweba yokumhenda, esithi, “Ndiya kumenza akuqalekise Wena ebusweni Bakho.”

18 Kwaye waphantse wathabatha ubomi bukaYobhi, kwaye ngewayeyenzile, kodwa uThixo wakrwela umgca womda, wathi, “Unokwenza nantoni na kuye, kodwa ungabuthathi ubomi bakhe.”

19 Emva koko, xana uYobhi emi kokona kuhendwa kwelo xesha linzima, wathi, “Ndiyazi ukuba uMhlawuleli wam uyaphila, kwaye ngemihla yokugqibela Uyakuma phezu komhlaba. Nokuba iimpethu ziwudlavule lo mzimba, kodwa enyameni yam ndiya kumbona uThixo.” Kungakhathaliseki ukuba kwakubonakala kumnyama kangakanani, kwaye kwakubonakala kungekuko okwenene, kwakukho into uYobhi awawuqinisela kuyo umphefumlo wakhe, idinga likaThixo elinguNaphakade. Owu, ukuba besinokwenza kuphela oko! Qaphela, waphumla kwidinga, “Ndiyazi ukuba uMhlawuleli wam uhleli.”

20 Kwaye ndifuna ukuba niqaphele, ukwenzela amazwi exesha elizayo endifuna ukuwathetha, uYobhi wayichaza ngokutsolileyo indawo yokungcwatywa kwakhe. Kwaye xana wafayo uYobhi, wangcwatywa ngokunjalo.

21 Kwakukho enye indoda, egama lingu-Abraham, eyathabatha uThixo eLizwini Lakhe. Kwaye wamkholelwa uThixo. Kwaye wazibiza ezo zinto ezazichasene nedinga uThixo awayemnike lona, ngokungathi azinjalo. Wamthabatha uThixo eLizwini Lakhe. Kwaye xana iintsuku zedlula, neeveki neenyanga, kwa nkqu neminyaka yedlula, oko akuzange kumkhathaze nakancinci u-Abraham. IBhayibhile yathi, “Akazange akhubeke, ngokungakholwa, kwidinga likaThixo; kodwa wathembeka, edumisa uThixo.”

22 Xa yonke into yayibonakala ngathi, yonke imihla, yasuka yakhula nzima yonke imihla; kodwa endaweni yokuba buthathaka, uYobhi waya esomelela yonke imihla. Owu, esinjani ukusikeleleka isiqinisekiso esinaso! Xa ubunzima bubonakala bukhula ukwenza into, athe uThixo wayithembisa, ukungakwazeki kwenzeka, endaweni yokuba sirhoxe, sibuyele ehlabathini, sifanele ukuma siqine ngakumbi kunokuba sakhe sema, ku ITSHO INKOSI. Imelwe kukuyisombulula, xana uThixo ethetha into ethile.

23 Kwaye u-Abraham wazibiza ezo zinto zazikho, ngokungathi zazingekho, ngokuba zazichasene neLizwi. Kwaye xa u-Abraham waphulukana nesithandwa sakhe nomfazi, uSara, emva kweminyaka emininzi behlala kunye, wathenga

isiqwengana somhlaba kufuphi nendawo awayengcwatywe kuyo uYobhi, waza wamngcwaba uSara. Ingaba kutheni? Babengabaprofeti! Babonile! Banxibelelana noThixo! Kwaye xana u-Abraham wafayo, wangcwatywa noSara.

24 Ngoku, wayengafuni ukuba aba bafo bamnike eso sahlulo somhlaba. Wasithenga, phambi kwamangqina. Olunjani lona uhlobo oluhle lobhaptizo. Wayithenga, phambi kwamangqina, okokuba yayisisabelo sakhe. Owu, leyo yindlela ikholwa lenene elimelwe kukuza ngayo, linganyebelezeli ekoneni, kodwa lime phambi kwamangqina, "Ndilingqina leNkosi uYesu, neloMoya oyiNgcwele, nelemisebenzi Yakhe emikhulu," ngokungakumbi njengoko siyibonayo le mini imbi isondela.

25 Kwaye ngoko xa unyana ka-Abraham, owayengu Isake, idinga laliza kunikwa yena. Kwaye xana wafayo u-Isake, wangcwatywa no Abraham. Kwaye u-Isake wazala uYakobi.

26 Kwaye xa uYakobi waye...wafela ezantsi eYiphutha. Kodwa qaphela, ngaphambi kokuba afe, wathi kunyana wakhe ongumprofeti, uYosefu, "Yiza apha, nyana, uze ubeke isandla sakho kwisinqe sam esikhubazekileyo." Kuba khumbulani indlela awakhubazeka ngayo, kungenxa yokuba iNgelosi yeNkosi yamchukumisa esinqeni sakhe, waza waqhwalela ukususela ngaloo mini ukuya phambili. Wathi, "Beka isandla sakho esinqeni sam, undifungele uThixo woobawo, ukuba akuyi kundingcwabela ezantsi apha eYiputa." Ngoba? Owu, babeneLizwi, babenesityhilelo!

27 Kwaye ndinga ndinganqumama apha, ukuze nditsho ukuba ibandla likaThixo ophilileyo lakhelwe phezu kwesityhilelo esiNgcwele; hayi phezu kwehlelo, imibutho, hayi phezu kwemigaqo okanye iimfundiso, kodwa kwiNyaniso etyhiliweyo yokomoya kaThixo ophilileyo.

28 U-Abheli, emyezweni wase-Eden, wayenaso xana ibandla laqalayo. Wazi njani ukuba azise imvana? Kwakutheni ukuze angazisi isiqhamo njengoKayin? Kodwa yatyhilwa kuye!

29 UYesu ngenye imini ethetha, wathi, "Bathi abantu ndingubani na mna Nyana woMntu?"

"Abanye bathi Ungu 'Moses,' no 'Eliya,' njalo njalo."

Wathi, "Kodwa nina nithi Ndingubani na Mna?"

30 Uyabona, akuxhomekekanga kwinto ecingwa ngomnye umntu, koko ukwaziyo ukuba yiNyaniso. "Ingaba *wena* uthini?" La mbuzo uya kudibana nathi sonke ebusweni ngobu busuku, "Ingaba wena uthini?"

31 Kwaye waphendula kwamsinyana uPetros, akathingazanga, wathi, "Wena unguye uKristu, uNyana kaThixo ophilileyo."

32 NjengoYesu Owazaziyo iimfihlelo zazo zonke iintliziyo, kuba Wayengenguye wumbi ngaphandle kukaYehova ebonakalaliswe enyameni, kwaye Wathi, "Unoyolo wena, Simon, nyana kaYona,

kuba inyama negazi ayikutyhilanga oku kuwe, kodwa nguBawo waM oseZulwini okwenzileyo oku. Kwaye phezu kolu lwalwa Ndiyakulakhela iBandla laM, kwaye amasango elabafileyo akanakuLeyisa."

33 Kwaye thina bantu njengoko sisiza, thina maLutere sifuna ukuhamba ngokholo, thina maWisile sifuna ukukhwaza ukuze siWufumane, nina maPentekoste nifuna ukuthetha ngeelwimi ukuze niWufumane, kodwa oko zizigidi ezilishumi zeemayile ukusuka kuWo.

34 Sisityhilelo esiNgcwele seNkosi uYesu Kristu, uMntu woBume Bakhe bubonakalisiwe entliziyweni, "Phezu kolu lwalwa Ndiyakulakhela iBandla laM, kwaye amasango elabafileyo akayi kuleyisa Lona." Isebenza ngokugqibeleleyo kuMateyu :24, 5:24, okanye, Yohane oNgcwele 5:24, "Lowo uwevayo amaZwi aM, akholwe kuLowo waNdithumayo, unoBomi obungunaphakade; kwaye akasayi kuza emgwebeni, kodwa udlulile ekufeni wangena eBomini." Hayi ngenxa yokuba unayo nanye intshukumo, nayiphi na imvakalelo, kodwa ngenxa yokuba uye waba, inyhweba yokuba noKristu etyhilwe kuwe esuka eZulwini, "Phezu kolu lwalwa Ndiya kulakhela iBandla laM."

35 Kwaye ke, uYakobi, xa wafayo, unyana wakhe wawuthwala umzimba wakhe, kwaye wangcwatywa no Abraham, no Isake, Sara, noYobhi, kuMhlaba oNgcwele, ePalestina.

36 Ngoko, uYosefu, ekubeni engumprofeti. Waba nempumelelo ezantsi eYiputa. Wayemazi uThixo. UThixo Wayezityhilile kuye. Kwaye xana wafayo, wathi, "Musa ukuwangcwaba amathambo am ezantsi apha, kodwa beka . . . nini . . . Ngenye imini ngokuqinisekileyo uya kukutyelela uThixo!" Ngoba? Wahlala ngokuzolileyo phezu kweLizwi likaThixo kuMoses, "Iminyaka engamakhulu amane baya kukhonza esi sizwe, kodwa ndiya kubakhupha." Waphumla ngokundilisekileyo phezu kweLizwi.

37 Kwaye onjani umzekeliso omhle apha, ukuba uyaqaphela. Wonke umHebhere owayedlula apho, kunye nomhlana wakhe utywatyushiwe, ngabaqhubi makhoboka. Kwaye wathi akukhangela kumathambo omprofeti wakhe, uYosefu, wayazi ukuba ngenye imini babeza kuphuma. Kuba, loo mathambo ayeshiywe apho ukwenzela isikhumbuzo, sokuba ngenye imini baya kuphuma.

38 Kube kumalunga neminyaka elishumi elinesihlanu okanye elishumi elinesibhozo eyadlulayo xana uBilly Paul, inkwenkwana encinci emalunga neminyaka emihlanu ubudala, engafane ibe kangako . . . Sasinentyatyambo encinci esasiyisa engcwabeni likamama wakhe, ngonyezi ngenye intsasa, ngePasika, kanye njengokuba ilanga lalisiza, likroba; okanye nje phambi kokuba kube kukukhanya kwemini, kwaku, emva

koko ukuya enkonzweni. Kwaye njengoko sasisehla sisiya engcwabeni, umfo omncinci wothule umnqwazi wakhe njengoko sasisiya apho udadewabo omncinci kunye nomama wakhe bangcwatyelwe khona. Kwaye waqalisa ukufixiza, walila, waze wathi, “Tata, ingaba umama usezantsi phaya kulaa mngxuma?”

39 Ndathi, “Hayi, nyana. Akakho ezantsi phaya kulaa mngxuma. Ungcono kangangesigidi kunam nawe.”

Wathi, “Ingaba ndiyakumbona umama kwakhona?”

40 Ndathi, “Ngobabalo lukaThixo, ukuba uyayinqwenela, ungambona kwakhona.”

Wathi, “Ingaba umzimba wakhe uya kuze uphume kweli ngcwaba?”

41 Ndathi, “Sthandwa, vala amehlo akho, kwaye ndiza kukuxelela ibali elincinci. Kumakhulu amaninzi eminyaka eyadlulayo, ngale ntsasa, kwakukho ingcwaba elashiywa lingenanto.” Ndathi, “Sisikhumbuzo kubo ‘abo balele kuThixo uKristu uya kubazisa kunye naYe ekufikeni Kwakhe.’” Ngaphandle kwesithunzi sentandabuzo, ndiphumla ngokundilisekileyo phezu kwedinga elinguNaphakade likaThixo!

42 NjengoYobhi wamandulo, xana sisiva okuya “Uthuthu eluthuthwini, uthuli eluthulini,” indikhumbuza uLongfellow, owathi:

> Sukundixelela, kumanani azilayo,
> Ubomi liphupha nje elingento!
> Kwaye umphefumlo ufile ulele
> Kwaye izinto azikho njengoko zibonakala.

Wathi:

> Ehe, ubomi buyinene! Ubomi bunyanisekile!
> Kwaye ingcwaba ayiyonjongo yabo;
> Ngokuba uluthuli, ubuyela kwaseluthulini,
> Kwakungathethwa ngomphefumlo.

43 Bayibiza ngokuba ngumzimba welizwi, xa siphuma apha singene kwenye indawo. Nokuba inokuba yintoni na, ndithatha iLizwi lompostile, xa wathi, “Ukuba lo mnquba wasemhlabeni okanye indawo yokuhlala iyachithwa, sinomnye osele ulindile, ukusuka *kulo* ukuya kuLowa.”

44 u-Abraham, u-Isake, uYakobi, uYobhi, bonke abaprofeti, bathembela kwaye bekholwa ukuba kwakuza kubakho uvuko, okokuba uMhlawuleli wayesiza. Baprofeta ngaYe. U-Enoki waprofeta ngaYe; waphumla ngokundilisekileyo, wabutywina ubungqina bakhe ngaso. U-Isake, uYakobi, uDaniyeli, uYeremiya, uHezekile, baphumla ngokundilisekileyo phezu kwexesha lokokuba uMesiya uyakuza.

45 Kwaye bafa kwaye imiphefumlo yabo yangena eParadesi. Babengenakuya eBukhoneni bukaThixo, ngokuba (sibe nayo phezolo) okokuba igazi leenkunzi zeenkomo neleebhokhwe lalingenako ukuxolela izono; laligubungela kuphela izono, lithetha ngomhla apho iDini eligqibeleleyo; kuba igazi elisesilwanyanani lalingenakubuyela kumnquli, kuba ngengayekanga ukunikela imibingelelo elolo hlobo.

46 Kodwa xa uNyana kaThixo wafayo, uBomi obabukuYe babungengomnye kuphela uThixo, ukuze abuye aze asithabathele kusapho lukaThixo. Ke ngoku singabantwana bakaThixo, uBomi obuphuma eGazini Lakhe.

47 Ngoku qaphela ngokukhawuleza, njengoko silandela. Xa emva phaya kwiTestamente eNdala, kwaye abo bakholwayo benqula, baze bafela eluKholweni, belindele elo xesha, isizathu sokuba abo baprofeti benze oko, kwaye bafuna ukungcwatyelwa ePalestina, babesazi ukuba uvuko lwalungayi kubakho eYiputa. Lwaluzakuba sePalestina, iyodwa.

48 Yiyo loo nto ndithi ngokuhlwanje: Ndinazo zonke iintlobo zamagama; Andikhathali ukuba abantu bandibiza ngantoni, oko akuthethi nto kum. Into kuphela endifuna ukuyenza, kukwazi oku: ukuba bendifile, baye ubomi bam bufihlwe kuKristu, ngaye uThixo, kwaye batywinwa ngoMoya oyiNgcwele; okokuba xana Ebiza kwabafileyo, ndiya kuphendula ngaloo mini. Ndingcwabeleni kuKristu, kuba abo bakuKristu uThixo uya kubazisa kunye naYe ngaloo mini.

49 Singena njani kuKristu? KwabaseKorinte BokuQala 12:13, "NgaMoya mnye thina sonke sabhaptizelwa Mzimbeni mnye, kwaye sibe ngabemi kunye boBukumkani bukaThixo." Sithi singabaphambukeli nabasemzini kulo mhlaba, nangakumbi, singazifuni ezi zinto zehlabathi, kodwa silindele ukufika koKumkani osikelelweyo ukuba athabathe ubukhosi, ethabathela elwandle ase elwandle olungenamda, xa Esiza esebuqaqawulini Bakhe. Ngokuqinisekileyo, sijonge uKuza Kwakhe.

50 Kwaye ke akukho ntandabuzo engqondweni yam, kodwa yiloo nto uYesu wayenayo engqondweni Yakhe xana wayelapha emhlabeni, yayikukungasileli kweLizwi likaThixo elinguNaphakade. Kuba, siyazi ukuba kuYe kuhleli inzaliseko yoMzimba wentlokobuThixo. Yonke intlokobuThixo yayikuYe. Waye kokubini uYise, uNyana, noMoya oyiNgcwele, kodwa wahlala kwimo yomntu; umzimba welizwi kaThixo, umfanekiselo omkhulu kaThixo Awayenze kuwo umntu, waze wambeka emhlabeni. Wayenomzimba. UThixo akakho ngaphandle komzimba. UThixo unomzimba, kwaye ukhangeleka njengomntu. UMoses wawubona, abanye bawubona, kwaye ukhangeleka njengomntu.

51 Kwaye yimbonakaliso nje, *oku* yiyo, yoko Oko kukuko. Kwaye yonke into emhlabeni, ubuhle, ubumnandi, ubuhle behlabathi, ayiyonto ingenye ehlabathini kuphela yimpendulo kokulunge ngakumbi kunoko, okusilindileyo xa sishiya eli hlabathi. Kuba, yonke into emhlabeni ingumzekelo nje wako oko kuseZulwini. Yonke into elungileyo, yonke into enobulungisa, yonke into entle, imithi, iintaka, yonke into, ingumzekelo nje woko kuseZulwini.

52 Obethu ubomi ngumzekelo nje. Sisithunzi nje, kwaye asiyiyo into yokwenene. Licala elizekelisileyo. Kuthabatha ukufa ukuphuhlisa umfanekiso, ukusibuyisela kumzimba welizwi esiphuma kuwo. Ngoko eluvukweni siza ngokufana naYe, umzimba ovusiweyo. Enjani ukuba ntle; hayi ukuba kuhle kuphela, kodwa iyeyenene, iNyaniso endilisekileyo yeLizwi likaThixo elinguNaphakade, yokokuba siyakufana naYe.

53 Qaphela ngoku, uYesu, embathiswe ngawo onke amandla kaThixo, kodwa, xana wahlangana noSathana, Akazange asebenzise nawaphina amandla Akhe. Wabhekiselela kuphela kwiLizwi! Wayenza. Wathi, “Kubhaliwe, ‘Akaphili ngasonka sodwa umntu, kodwa ngalo lonke iLizwi eliphuma emlonyeni kaThixo.’”

54 Ngoko ungatsho njani ke ukuba ungahlala ekhaya uze nje ube ngumKristu olungileyo njengokuba ubuya kuba njalo ebandleni? Awunakuyenza. Funda iLizwi! UMoya oyiNgcwele uzondla ngeLizwi. IBhayibhile kukutya kokomoya kukaThixo ukwenzela iBandla Lakhe. Kwaye uMoya oyiNgcwele nguLowo ULizisayo kuwe kwaye aLibeke entliziyweni, kwaye ngombulelo uyaLinkcenkceshela. Kwaye sonke isithembiso esiNgcwele siyakuvelisa kanye oko uThixo wathi siyakukwenza. Ifanele iyenze. LiLizwi Lakhe, kwaye LibuBomi.

55 Ngoku, bendilibele ukuba bendifanele ukuba nesiqingatha seyure. Kundithatha ixesha elide ukufikelela kwinto endifuna ukuyithetha.

56 Kodwa qaphelani uYesu kwiyure yokugqibela, okanye ezimbini, zobomi Bakhe, ezininzi, ezininzi iziprofeto zazaliseka.

57 Umntu othile wathi kum, “Mzalwana uBranham, *oku* kufanele ukuba kwenzeke, kwaye *oko* kufanele ukuba kwenzeke.”

Ndathi, “Inokwenzeka ngeyure.”

58 Ukuba uyakufunda iNdumiso ama-22, uze ukhangele iyure Yakhe yokufa emnqamlezweni, Ndiyalibala nje ngoku ukuba zingaphi iziprofeto ezibalaseleyo ezazalisekayo kwiiyure ezimbini okanye ezintathu zokugqibela zobomi Bakhe! Ngokuqinisekileyo, “Bazigqobhoza iinyawo zam nezandla zam. Thixo wam, Thixo wam, uNdishiye ngani na Wena?” na njalo njalo, njengokuba uDavide wakhalayo.

59 Kwaye enye into endifuna ukuba niyiqaphele, iNyaniso, indawo engenakusilela yeLizwi likaThixo. IBhayibhile yathi, “Uyawagcina onke amathambo Akhe, akwaphuki nalinye kuwo.” Kuba ngokomfuziselo, ixhwane lepasika lalingumfuziselo wayo. Ixhwane kufuneka lingabi nasiphako, kungabikho thambo laphukileyo kwixhwane. Kwaye ngeyure xana Yena waye . . . Wayefile, benyuka baya kuyaphula imilenze Yakhe ngehamile. Kwaye ngaphambi nje . . . Jonga kwela xesha elona libalulekileyo! Indoda enehamile, ilungele ukubetha imilenze Yakhe, kodwa iLizwi likaThixo lathi, “Akusayi kubakho thambo laphukileyo emzimbeni Wakhe.”

“Iza kwenzeka njani?” Singena ngokungxama.

60 ILizwi likaThixo linguNaphakade! Ukuba iLizwi likaThixo ligqibelele ngolo hlobo, abo bakuKristu baqiniseke kanye ukuvuka njengokuba kukho uvuko. UThixo ubopheleleke nje ngokunjalo kwiLizwi Lakhe, ukuba akuphilise, njengokuba Enjalo ukuba akusindise. Kuba, Yena, liLizwi Lakhe eliyithembisileyo. LiLizwi likaThixo, kwaye asinalungelo lakususa kuLo. Kodwa yithi nje, “YiNyaniso.” Likholelwe Lona! Akunamsebenzi nokuba kwenzeka ntoni na, Likholwe, nakanjani na. Yiloo ndlela abanye ababemelwe kukuLikholelwa ngayo, kwaye asibalelwa ngaphandle koko. UThixo wanika uSirayeli iPalestina, kodwa kwakufuneka balwele yonke i-intshi yomhlaba ababeyifumana. Isithembiso sesakho, kodwa kufuneka ulwele i-intshi nganye oyibangayo; umtyholi uya kukuqiniseka ngoko, ngokuqinisekileyo uya kwenza.

61 Kodwa qaphela xana babelungele ukwaphula imilenze yeNkosi yethu uYesu, ukuba lahamile ngeyayibethe umlenze kwaye yawophula, uThixo ngewayefunyenwe ebubuxoki. Kodwa kwakungekho zidemon zaneleyo kuyo yonke intuthumbo emnyama yokuyeka lahamile ibethe loo mzimba uxabisekileyo. Kuba uDavide, kwiminyaka engamakhulu asibhozo ngaphambi koko, wathi, “Akusayi kubakho thambo laphukileyo emzimbeni Wakhe.” ILizwi likaThixo limelwe kukuma iNyaniso.

62 Kodwa benza ntoni ngoko? Bathabatha umkhonto bawuhlaba ecaleni Lakhe, laze iGazi namanzi aphuma, ukuzalisekisa oko iBhayibhile yakuthethayo, “Bagqobhoza izandla Zam necala laM.” ILizwi lalizalisekisiwe.

63 Ngoku xa Wayesifa, owu, enjani yona iyure eyoyikekayo! Ndicinga ngala ngoma, kwaye, ngokunyanisekileyo, indenza ndizive ndibuhlungu, xa ndicinga langoma eyabhalwa yimbongi kwiminyaka emininzi eyadlulayo:

> ’Embindini wamatye akrazukileyo kunye nesibhakabhaka esimnyama,
> UMsindisi wam wathoba intloko Yakhe waza wafa;

Ikhuselo elivulekileyo lavula indlela
AMazulu ayavuya kunye nemini engapheliyo.

64 Kwaye xana Wayejinga phaya, esopha kwaye esifa, xana Wathoba intloko Yakhe, ilanga laba neentloni ngesiqusalo, ukujonga ezantsi kwizidalwa ezifayo awathi wazenza uThixo ngokomfanekiselo wakhe, okokuba wayeyakuhlawula ixabiso elinjalo ukuze azihlangule, ilanga lala ukujonga ezantsi emhlabeni ngala yure. Inyanga yaziva ihlazekile kakhulu yade yayirhoxisa indawo yayo. Neenkwenkwezi zawufulathela umhlaba. Enjani ukuba yinto embi isono esimelwe ukuba yiyo! Indlela awayefanele aqubisane ngayo naso uThixo!

65 Nokubona abo babingeleli bagculelayo, nezikhohlela zijinga ebusweni Bakhe. Indoda yambetha entloko, ngengcongolo, yathi, "Ukuba UngumProfeti, sixelele ukuba Ubethwe ngubani." Omnye wabo waxhwitha iindevu ebusweni Bakhe, waza wamqhwaba ebusweni, efuna ukuba Aziphindezele.

66 Wathi, "Ukuba ubuKumkani bam bebubobeli hlabathi, BeNdingathi kwa oko ndibize uBawo waM, Ubeya kuNdithumelela imikhosi yeengelosi ezilishumi elinambini."

67 Yayinokutshintshwa, kodwa wayenokuyenza njani? Wayengenakuyenza nje, kuba yayingabantwana Bakhe abakhalela iGazi Lakhe. Ungafane ucinge ukuba utata, utata, nabantwana bakhe (ebumnyameni) bekhalela igazi likatata wabo? Naso isizathu sokuba Angabi nakwenza nto yimbi ngaphandle kokufa. Ukuba Wayengazange enze njalo, yayiyintshabalalo kubantwana Bakhe, yayiyintshabalalo kwizidalwa. Kodwa Wayemelwe kukuba afe, ukuze asindise abantu Bakhe.

68 Kwaye wathi Akuyenza, xana Wathoba intloko Yakhe, lo mhlaba mdala waba nokungcangcazela kumqolo wawo. Imelwe kukuba waba nokuxhwaleka kwemithambo luvo, kuba iBhayibhile yatsho ukuba "umhlaba uphela, kuthabathela kwilixa lesithandathu ukuya kwelesithoba, kwaba mnyama, kwaba phezu kobuso behlabathi." Kwaye washukuma umhlaba, namawa acandeka. Laza lakrazuka ikhuselo letempile lithabathela phezulu lada lesa phantsi; iibhloko zokwenzeni idini zaphethuka. UNyana kaThixo ophilayo wafa. Wayefile kakhulu lade ilanga layiqonda loo nto. Wayefile kakhulu yade inyanga yayiqonda loo nto. Wayefile kakhulu zade iinkwenkwezi zayiqonda loo nto. Wayefile kakhulu wade umhlaba wakuqonda oko. Wayefile kakhulu zade iziqalelo zakuqonda oko, umoya ojikeleze umhlaba wakuqonda oko. Yonke into yayimele yazi ukuba lowo yayinguNyana kaThixo! Kuba, iLizwi likaThixo alinakusilela, Wayethenjisiwe, kusukela emyezweni wase-Eden, "IMbewu eyayiza kutyumza intloko yenyoka."

69 Ngoku kwenzeka ntoni kuYe? Waya phi xana wayeshiya umnqamlezo waza waya engcwabeni likaYosefu wase Arimati?

70 Wayehlwempuzekile kakhulu Wayengenandawo yokulalisa intloko Yakhe. Wazalelwa emkhumbini, enegama elimnyama emva Kwakhe, njengo "mntwana ongumgqakhwe." Wahlekwa, wenziwa intlekisa, wagculelwa, emhlabeni. Wenziwa intlekisa, kwaye waliwa. Kwaye xana Wafayo, kwanyanzeleka ukuba afe ngesohlwayo esiqatha, phakathi kwamasela amabini. Kwaye wayengenayo nendawo yokuMngcwaba, kwaye Wangcwatyelwa engcwabeni lomnye umntu. Oyena Thixo waseZulwini esiza emhlabeni! Sicinga ukuba singoobani, ekufuneka sithubeleze kwintwana yokubandezeleka? Into Awasenzela yona! Yicinge, sihlobo, yifundisise.

71 Ijoni lomRoma lathi, "Ngokwenene, nguNyana kaThixo lowa." Umoni kwafuneka ayiqonde. Wathi uJudas, "Ndingcatshe iGazi elimsulwa." Kwakufuneka ayiqonde. Wonke umhlaba wakuqonda oko.

72 Emva koko Waya phi? Xana umntu esifa, ingaba oko kuyayiphelisa? Hayi, mhlekazi. Kwafuneka afe ngala ndlela kuba iBhayibhile kaThixo yathi Uyakufa ngala ndlela. Kwaye Wathembela kwiLizwi likaThixo. Naso isizathu sokuba Wayenokuthi, ebomini Bakhe, "Yichithe le tempile, kwaye ndiya kuyivusa ngeentsuku ezintathu."

73 Kuba uDavide wathi, kwenye indawo, kuphela, eBhayibhileni, phantsi kwempefumlelo, xana uDavide, indoda yakwaThixo, umprofeti owayethanjiswe ngeLizwi, wathi, "Andiyi kumyekela OyiNgcwele waM abone ukonakala, ndingasayi kuwushiya umphefumlo Wakhe kwelabafileyo."

74 UYesu wathi, "Wutshabalaliseni lo mzimba, kwaye Mna ndiyakuwuvusa ngeentsuku ezintathu." Wayesazi ukuba iLizwi likaThixo lalingenakusilela. Owu, bethu!

75 Ukuba Wayenokuphumla ngokundilisekileyo phezu kokuya, ekholelwa ukuba iLizwi likaThixo lalingenakusilela, sibeka phi na ke ukuphumla ngokundilisekileyo ekubeni sizelwe ngokutsha ngoMoya oyiNgcwele, kunye naWo ingqina entliziyweni yethu kanye ngoku okokuba siyazi ukuba uMhlawuleli wethu uyaphila kwaye uyakubuya ngenye imini kwakhona. Phumla ngengqiniseko yokuba abo bakuKristu uThixo uya kubazisa kunye naYe! Ngoku qaphelani.

76 Nankuya Yena wayephaya. Wayesazi ukuba akukho nenye iseli yala mzimba eyayingonakala. Iiyure ezingamashumi asixhenxe anesibini, ukonakala kuyaqalisa ukungena. Eso sisizathu sokuba Angazange ahlale iintsuku ezintathu. Wafa ngoLwesihlanu emva kwemini, wayevukile ngentsasa yangeCawa. Kodwa, kwaba phakathi kwezo ntsuku zintathu. Ngaphakathi kwezi ntsuku zintathu Wayeza kuvuka kwakhona, ngokuba Walithemba iLizwi likaThixo.

77 Nanko esiya! Uye phi xa Ehamba? IBhayibhile yathi, "Wenyuka. Wemka waya kushumayela kwimiphefumlo

eyayisentolongweni, engazange iguquke ekuzekeni kade komsindo kwemihla kaNowa.” Umphefumlo Wakhe, uMoya Wakhe, umzimba Wakhe welizwi woBuqu Bakhe, wehla. Masimlandele Yena. Ungathanda, ngokuhlwanje, ukuMlandela imizuzu embalwa? Makhe sibone apho Waya khona.

78 Kanye ngaphantsi kwemimandla yezidalwa ezifayo kulele ummandla wamandla eedemoni; ngaphantsi koko. . .kanye ngaphezu koko kulele imiphefumlo yabangengomalungisa; ezantsi kwayo kulele ubukhosi bukaSathana, isihogo. Ngoko kanye phezu kwethu kulele uMoya oyiNgcwele; emva koko phantsi kweSibingelelo kulele imiphefumlo yabantu abangamalungisa; olandelayo nguThixo ngoKwakhe. Omnye esiya ezantsi, omnye enyuka; imimoya emibini ilapha emhlabeni, iphembelela abantu balo mhlaba.

79 Kwaye xa uYesu wafayo, Uyenyuka, ezantsi phaya. NdingaMbona ngalaa njikalanga yangoLwesihlanu, emva kokufa Kwakhe, [UMzalwana uBranham unkqonkqoza epulpitini—Mhl.] nkqonkqoza elucangweni lweendawo zabalahlekileyo. MasiMlandele umzuzu. Ucango luyavuleka. Kwakukho abafazi, kwakukho amadoda, kwakukho amanenekazi asematsha, kwakukho abadala, babekunye bonke kuloo ndawo imbi kakhulu ebizwa ngokuba yintolongo yemiphefumlo elahlekileyo.

80 Ukuba bendinexesha, ndingathanda ukunixelela. Kwaye isenokuba ngumbono nje. Kodwa ngaxesha lithile ndakhe ndandwendwela laa ndawo, kwaye ndakhalela inceba, xana ndandingumoni owayephantsi kontyando. Xana ndaphumayo, ndandimi eNtshona, izandla zam ziphakanyiselwe eZulwini, nomnqamlezo ukhanya kum.

81 Kodwa kuloo ndawo ilusizi kakhulu, uYesu waya emnyango. Yonke into kwakufuneka ingqine ukuba WayunguNyana kaThixo, ngokuba babeshunyayeziwe ekuzekeni kade komsindo wemihla kaNowa. Wankqonkqoza emnyango, wathi, “NdinguLowo u-Enoki wathetha ngaye. NdiyiMbewu yomfazi, eyayiza kutyumza intloko yenyoka. Lonke iLizwi likaThixo lizalisekile; Ndisandula kufela ngaphaya eKhalvari, kwaye ndilithengile iBandla laM. Kwaye Lowo u-Enoki wathetha ngaye, NdinguYe.” Kwaye babengenanceba, bengenathemba, ngenxa yokuba babekreqile. Lwaza lwavalwa ke ucango ebusweni babo.

82 Ukuhla ukuya kwimimandla yeedemon! Ukuhla ukuya kutsho kanye emasangweni esihogo! Wankqonkqoza emnyango. [UMzalwana uBranham unkqonkqoza epulpitini—Mhl.]

83 Oku kuxana Wayesengcwabeni, umzimba Wakhe ukulo, ulindele uvuko. Wandwendwela iindawo abaya kuzo amalungisa nabangemalungisa; apho uya kuya khona ngolunye lwezi ntsuku, uye kwenye okanye kwezinye iindawo.

84 Kwaye Unkqonkqoza emnyango wesihogo. [UMzalwana uBranham wankqonkqoza epulpitini—Mhl.] Kwaye, wathi Akwenza njalo, umtyholi waphuma. Kwaye ndiyamva nje xa esithi, "Owu, ekugqibeleni Ufikile. Ngokuqinisekileyo ndandicinga ukuba ndandikufumene Wena xa ndabulala u-Abheli."

85 Uyabona, xa laa Mbewu yayithenjisiwe emyezweni wase-Eden, umtyholi uthe rhoqo ezama ukutshabalalisa laa Mbewu. Kwaye ukufa kuka-Abheli, nokuza kukaSete, yayikukufa nje, ukungcwatywa, nokuvuka kukaKristu. La Mbewu imele iqhubeke. Kwaye wazama ukuYitshabalalisa.

86 Wathi, "Ndandicinga ukuba ndikufumene Wena xana ndatshabalalisa u-Abheli. Ndandicinga ukuba ndikufumene Wena xana ndanditshabalalisa abaprofeti. Ndandiqinisekile ukuba Ndikufumene Wena xa ndanqumla intloko kaYohane. Kodwa ngoku, emva kwako konke, Ufikile. ndikufumene Wena ngoku." Owu, bethu!

87 Ndiyamva esithi, "Sathana, yiza apha!" NguMphathi ngoku. Ufikelela ngaphaya, athabathe eso sitshixo sokufa nesihogo ecaleni lakhe, asixhome kweLakhe Yena icala. "Ndifuna ukunika umyalelo wokuphelelwa. Uye waba ngumkhohlisi ixesha elide ngokwaneleyo. NdinguNyana woThixo ophilileyo ozelwe yintombi enyulu. IGazi laM lisemanzi emnqamlezweni, kwaye ityala elipheleleyo lihlawulwe! Awusenamalungelo. Uhlutyiwe. Ndinike ezo zitshixo!" Ilungile lo nto. Ajike amkhabe ukumkhaba okuhle okuphilileyo, kwaye wambakraza ucango kunye, wathi, "Hlala ngaphakathi apho! NdinguMphathi ukusukela ngoku ukuqhubeka."

88 Ngoku, Wayengenazo izitshixo zoBukumkani, kuba Wazinika uPetros; sifumana konke oko kusasa, kubhaptizo lwamanzi. Kodwa wayenezitshixo zokufa nelabafileyo, kwaye Wazithabatha; emva kokuvuka Kwakhe, Wathi, "Ndinazo izitshixo zokufa nezesihogo." UPetros wayenazo izitshixo zoBukumkani. USathana wayenezitshixo zokufa nesihogo; kodwa ngoku uYesu unazo, UnguMphathi.

89 Nanku Eqala phezulu. Iba yiPasika; ixesha liyegqitha ngokukhawuleza. Kodwa kukho elinye iqela. Uphi uYobhi? Uphi u-Abraham? Baphi? Baphi abo bafo abathembela kwiLizwi likaThixo? Ingaba ubalibele? Ingaba ukufa kwabatshabalalisa banyamalala? Ingaba kwakuphelele apho? Zange, zange; UThixo umelwe kukuba aligcine iLizwi Lakhe.

90 NdiyaMbona. Makhe sikrobe kancinci eParadesi, size sijonge ngaphaya. Kwaye ndibona uSara no Abraham bejikeleza phaya, kwaye emva komzuzwana [uMzalwana uBranham uyankqonkqoza—Mhl.] into esemnyango. U-Abraham waya kuluvula ucango, wathi, "Sthandwa, yiza apha. Jonga apha!

Khangela apha, ikwanguLowo wayemi nam phantsi kom-oki ngala mini.” UnguThixo ka-Abraham.

91 Kanye ngelo xesha ndiyambona uDaniyeli ejonga ngaphaya kwegxalaba lakhe, waze wathi, “Eliya liLitye elaqhekezwa entabeni, ngokuqinisekileyo njengokuba ndimi apha.”

92 Ndibona uYobhi ephakama, wathi, “Lowa nguMhlawuleli wam endathi ndiyazi ukuba uyaphila, kwaye ngenye imini Uyakuma phezu komhlaba. Umzimba wam usenokungabi licephe elincinane lothuthu, kodwa kwimizuzu elishumi elinesihlanu ukusuka ngoku ndizakube ndingaphakathi kuwo kwakhona. Lowo nguYe.”

93 UHezekile wajonga ngaphaya kumphezulu, waza wathi, “Ndambona laa Mntu mnye njengeVili embindini wevili, ejika, enyukela phezulu embindini womoya.” Owu, bethu!

94 Emva koko kufika u-Enoki. U-Enoki wathi, “Ndambona esiza namawaka alishumi abangcwele Bakhe, eze kuphumeza umgwebo.”

95 Kwakukho abangcwele beTestamente eNdala belindile, ngokuqinisekileyo babekho, phantsi kwesicamagushelo segazi. Babengenakungena eBukhoneni bukaThixo, uThixo weZulu, ngokuba igazi lebhokhwe nelegusha lalingenakusisusa isono.

96 Kodwa Wathi, “Bazalwana baM, NdinguLowo nicinga ukuba Ndinguye. NdiyiMbewu yomfazi. NdinguNyana kaDavide. NdinguNyana kaThixo. NdinguLowo uzelwe yintombi enyulu. Igazi laM liyicamagushele. Niye nalinda phantsi kwegazi leegusha neleebhokhwe, kodwa ngoku iGazi laM liyacamagusha, kwaye nikhululekile. Masinyukeni, isondele phantse ibe yiPasika.” Cinga nje, oko kwakumalunga nje neshumi elinethoba lamakhulu anento eminyaka eyadlulayo, ngokuhlwanje.

97 Ndiyamva uAbraham esithi, “Nkosi, xa sivuka kwakhona emzimbeni wethu; kwaye mna noSarah sasiyithanda kakhulu; Ungakhathazeka ukuba singamisani kancinci, endleleni Yakho?”

98 Ewe, ndiyamva Yena esithi, “Kutheni, hayi, ngokuqinisekileyo andinakuthazeka. Ndiza kuhlala nabafundi baM iintsuku ezimalunga namashumi mane. Bhekabhekani nibone indlela yonke into ekhangeleka ngayo!”

99 Ngaloo ntsasa izukileyo yePasika (apho siyakunyuka ngentsasa, iNkosi ithandile) xa Wavukayo kwabafileyo, iBhayibhile yathi, ngokukaMateyu oNgcwele 27, ukuba “Uninzi lwabangcwele ababelele eluthulini lomhlaba, bavuka baphuma emangcwabeni.” Yayingubani? U-Abraham, u-Isake, uYakobi, uYobhi, abo bathi ngesityhilelo esityhiliweyo somoya bazi ukuba uMhlanguli uyakuma emhlabeni ngenye imini. Ngabo ke abo, intlahlela yabaleleyo. Phaya bahambahamba apho esixekweni.

Ndibona uSara no-Abraham, beselula, yaye bezele bu . . . kwaye bebahle, kwaye—kwaye bezele bubomi, abasayi kuba badala, bangaze baphinde bagule, bangabi salamba, behambahamba emzimbeni wabo.

100 UKayafa emi khona phaya, esithi, "Uyayazi intoni? Kukho into eyenzekileyo ngenye imini, jonga nje kobu bugxwayiba ikubo le tempile! Kukho i . . . Kuza kufuneka sifumane umntu wokuthunga loo mkhusane. Jonga kwezo, ibhokisi yedini iphethukile. Kwenzeke ntoni? Ingaba laa Mfo ngumfundi zinkwenkwezi? Ingaba Wayeligqwirha? Okanye, kwenzeke ntoni? Yitsho! Yiza apha, Josephus, sesiphi esa sibini siselula simi phaya?"

Wathi u-Abraham, "Sarah, siyaqondwa. Kungcono simke."

101 "Babonakala kwabaninzi!" Yayingeyiyo yonke yayo. Ekuvaleni, jonga. Ngenye imini xa emva kokuba Enzile . . . baye batyelelwa; U-Abraham, u-Isake, uYakobi, kunye nabo bonke babetyelele kwelo lizwe lakowabo. Xa uYesu wenyuka . . .

102 Uthi, "Mzalwana uBranham, ingaba yintsomi?" Hayi, mhlekazi! Ndiyakukubonisa eZibhalweni, emzuzwini.

103 Xa Waqalisa ukunyuka, babona Yena kuphela, kodwa abangcwele beTestamente eNdala bahamba naYe, kuba iBhayibhile yatsho ukuba "Wathimba abathinjwa, Wabapha izipho abantu." Kwaye ndiyaMbona njengoko Enyuka, aze azibandakanye nebandla Lakhe.

104 IiNgelosi ezimbini ezaziphuma kwiqela lomculo ezazidlala umculo, zabuyela emva phaya, zathi, "Madoda aseGalili, nimeleni na nandele phezulu? Kuba lo Yesu mnye, wanyuselwa phezulu, uyeza kwakhona." Ngokuqinisekileyo! Bakhawuleza babuyela ukuyakuzibandakanya kumngcelele.

105 Kwaye ukuhla ngezibhakabhaka uYesu nabangcwele beTestamente eNdala bemka. Badlula enyangeni, badlula elangeni, bagqitha ezinkwenkwezini. Kwaye xana bafika ekubonakaleni kwalawa makhulu, mahle aMazulu amhlophe, abangcwele beTestamente eNdala bakhwaza, becaphula iSibhalo, "Phakamisani, masango aphakade, niziphakamise! Phakamisani, masango aphakade, Niziphakamise! Nize nimvulele uKumkani woZuko angene!"

106 Zonke izithunywa zezulu zahlanganisana encotsheni yeentsika zezulu, zathi, "Ngubani lo Kumkani woZuko?"

107 Abangcwele beTestamente eNdala bathi, "NguYehova wemikhosi, igorha emfazweni! WayenguMeyisi!"

108 INgelosi yacofa iqhosha elikhulu, aza amasango eperile avuleka.

109 Ukuhla kanye kwiSixeko saseYerusalem kwaza elikhulu uMeyisi oLigorha, esizisa abangcwele beTestamente eNdala. Amaqela eeNgelosi edlala umculo, njengoko iiNgelosi zikhwaza.

WayeLigorha uSomandla! Wayenezitshixo zokufa nesihogo zijinga ecaleni Lakhe, esihla kanye edlula kwiibhotwe zoBuqaqawuli wade Waya kufika eTroneni. Waze wathi, “Bawo, naba. Bakholwa, ngokholo kwiLizwi Lakho, ukuba Ndiyakuza ngenye imini. Ndikoyisile kokubini ukufa nesihogo.” Yayiyintoni, mzalwana? Wayeneziva esandleni Sakhe, ukubonisa ukuba Wayesedabini. Uzuko kuThixo eNyangweni! Unguye la Meyisi uLigorha! “Naba, Bawo; U-Abraham, u-Isake, noYakobi.”

110 Ndiyamva esithi, “Nyana, nyukela apha ecaleni kwaM, uze uhlale phantsi ndide Ndilwenze lonke utshaba lubesisihlalo seenyawo Zakho.” Mzalwana, ngenye imini Uyakubuya kwakhona, kwaye enjani yona imini eyakuba yiyo!

111 Wayengaphumlanga xa wayesengcwabeni. Sicinga ukuba Wayelele nje phaya, efile. Kodwa Wayesezantsi esoyisa, Wehla wathabatha izitshixo wazisusa kuSathana, Unazo izitshixo zokufa kunye nesihogo, ngokuhlwanje. Wathi, “Ngokuba Ndisidla ubomi, nani ningaphila, kananjalo.”

112 Andazi ngobu busuku, mzalwana wam othandekayo, dade, ingaba uyicingile ngokunyanisekileyo loo nto? Ingaba uyaqonda ukuba uyaphila nje kuphela ngokuba ephila? Ingaba uyixabisile ngokwaneleyo ukuba uzinikele, uze uthi, “Thixo, ndilapha, ndingumoni, yiba nenceba kum”? Ingaba wakhe walamkela elaDini lanele-konke? Wakhe wamxelela ukuba uyaMthanda? Ingaba kuyakhathaza iimvakalelo zakho xa usenza okubi? Ukuba awuzange uze kulawa mava ngoku, kulo mngcwabo! Xana, ixesha lethu lihamba. Ndiziva nje kakuhle! Kodwa, ndiyamangala, ukuba awuzange umamkele uKristu njengoMsindisi wakho, Andazi nokuba ungayenza na ngelixesha siqubuda iintloko zethu okomzuzwana nje ngelizwi lomthandazo.

113 Dlala okuya, *Mid Rending Rocks*, ukuba uyakuyenza, Dade uGertie, ukuba unayo. Kulungile, nantoni na iya kwenza.

114 Ngeentloko zenu zithotyiwe, ndizakunibuza umbuzo onyanisekileyo ngenene. Khumbulani bahlobo, umoni okanye ongcwele, awunyamalalanga xa sikungcwaba. Umphefumlo wakho ukwindawo ethile. Ngoku, uYesu wazityelela zombini iindawo, ngokweZibhalo. Kuphi apho Ayakufumana khona ukuba uyakuhamba ngokuhlwanje? Ingaba uyakuba nocango lwenceba luvalwe ebusweni bakho, ngenxa yokuba walile? Khumbula, akangoMsindisi kuphela Yena, unguMgwebi. Nguwe umgwebi ngoku, umgweba njani Yena? Makabe nguMsindisi wakho ngoku.

115 Ibali elincinci lifika engqondweni yam. Ngexesha elidlulileyo inkwenkwana yayihleli e—enqweleni. Kwadubula umpu ezantsi estratweni, aza amahashe abaleka, yayisiya eliweni. Umqhubi-zinkomo-ngehashe osemtsha wabaleka

wawamisa amahashe kanye nje phambi kokuba inqwelo iwele eliweni, kuba yayinosana kuyo. Wasindisa ubomi bomncinane.

116 Kwiminyaka emininzi emva kokuya, kumi enkundleni yamatyala. Kwale nkwenkwe inye yenze ulwaphulo-mthetho, yathabatha indlela engalunganga, yaba netyala. Yayisela, ingcakaza, yadubula indoda; kwaye yayinetyala, yafunyaniswa inetyala. Kwaye waphakama umgwebi wathi, "Ndikugwebela ukuba uxhonywe entanyeni bude ubomi bakho obufayo bumke."

117 La mfana wathi, "Mgwebi!" Waza wayaphula inkqubo yenkundla, njengokuba watsiba isithinteli waza wawa ezinyaweni zomgwebi, ecela inceba. Wathi, "Mgwebi, khangela ubuso bam! Ingaba awundazi?"

Wathi, "Hayi, nyana, andikwazi."

118 Wathi, "Uyabukhumbula ubomi benkwenkwana ethile owabusindisayo, kwiminyaka emininzi eyadlulayo, kwihashe elabalekayo?"

Wathi, "Ewe, ndiyayikhumbula."

119 Wathi, "Ndiyilaa nkwenkwe." Wathi, "Mgwebi, wandisindisa ngela xesha. Ndisindise ngoku!"

120 Umgwebi wajonga ezantsi kuye, wathi, "Nyana, ngala mini ndandingumsindisi wakho. Namhlanje ndingumgwebi wakho."

121 Namhlanje UnguMsindisi wakho, moni, ngomso Unokuba nguMgwebi wakho. Masiyicinge kwakhona ngoku, njengoko umculo udlala. Kwaye wonke umntu ethandaza, abo bakwimihlaba yokuthandaza kunye noThixo.

122 Andazi nokuba ngobubusuku ngoku, ngokukhawuleza, abo bangathanda ukwamkela uKristu njengoMsindisi wabo, yithi, "Thixo, yiba netarhu kum, umoni. Ndifuna ukuza ngeGazi elaphalalayo. Ndidiniwe ukujoyina iicawe kwaye ndibaleka ukusuka kwenye indawo ukuya kwenye. Ndifuna ukuzalwa ngokutsha. Ndifuna amava entliziyweni yam ukuba ndiyazi ukuba uKristu uzityhilile Yena kum, ngesityhilelo somoya osandula ukuthetha ngaso, Mzalwana uBranham. Ndifuna isityhilelo somoya, uMoya oyiNgcwele entliziyweni yam, ondidlisa ubomi, esizisa uKristu abe ngokwenene ngakumbi kum kunokuba ndinjalo kwisiqu sam. Ndiyawanqwenela lo mava, Mzalwana uBranham. Unganditandazela njengoko ndiphakamisa isandla sam?" Ungasiphakamisa isandla sakho ngoku, onqwenela ukukhunjulwa. UThixo akusikelele, nenekazi. UThixo akusikelele phaya emva, nenekazi. Ilungile lonto. UThixo akusikelele, mhlekazi. Ilungile lonto. Phakamisani izandla zenu, nyuka ngoku ngesandla sakho.

123 Unokuba nentloni njani? Ungakwala okulolo hlobo Lunjalo, sihlobo? Khumbula.

124 "Owu," uthi, "Mzalwana uBranham, abashumayeli bashumayele iminyaka." Ndiyazi, kodwa ngolunye lwezi

ntsuku baza kuyeka ukushumayela. Kwaye indlela izinto ezibukeka ngayo, inokuba kwangoko. Uza kuva intshumayelo yakho yokugqibela. Ngeliphandle, oku kunokuba kukugqibela kwakho.

125 "Owu," uthi, "Ndimtsha." Oko akunamsebenzi. Ukufa akuhloneli mntu, okanye ubudala okanye isakhono.

126 Ungamamkela ngoku njengoMsindisi wakho, ngokuphakamisa isandla sakho, usithi, "Thixo, yiba nenceba kum"? Phakamisani izandla zenu kunye nabanye aba, kwaye nithi, "Ngoku ndifuna ukumamkela uKristu." Ungasiphakamisa isandla sakho?

127 Umntu othile obuye umva, yithi, "Thixo, yiba nenceba kum. Ndifuna ukubuyela kuKristu ngobu busuku, okokuba ngomso ibe luvuko, olutsha, kum." Ungaphakamisa izandla zakho? Phakamisa isandla sakho, uthi, "Yiba nenceba kum. Ndifuna ukuza ngoku." Ungayenza? Phakamisa isandla sakho, uthi, "Ndibe ngobuye umva, kodwa ngobu busuku . . ." UThixo akusikelele, nenekazi. UThixo akusikelele. Ilungile lonto. "Ndiya kumamkela uKristu njengoMsindisi wam. NdiyaMamnkela ngokuhlwanje. Ndibhadule, iminyaka emininzi ndikude noThixo, kodwa ngoku ndibuyela ekhaya." UyakuMamnkela ngokuhlwanje, ukuze olu lube luvuko olutsha kuwe, ubomi bakho obudala bube nokugqitywa?

128 Eli nenekazi linyukela esiguqweni, ukuza kwenza uvumo lwalo, ukuze lime. Omnye umntu ofuna ukuthatha indawo yabo apha, eze apha kunye naye, ekuvumeni kwabo? Ungaphakama, uze esiguqweni, nawe? Isiguqo sivuliwe. Ngokuqinisekileyo. Yiza kanye phezulu, kanye ngoku. Ukuba ufuna ukuma apha uthandaze, kuyakulunga nje. Yiza. Ungeza na? Phezu kwesivumo sokholo lwakho, phezu kokukholwa kwakho kuNyana kaThixo, ingaba uya kuza na ngoku? Konke kulungile.

129 Kuxhomekeke kuwe, ukhumbule. Ungoyena. Ingaba ungumoni? Ingaba ungobuye umva? Ingaba uyabanda kwaye ukude noKristu? Kwaye ufuna ukuvuswa ngokutsha kunye naYe ngoku, uqale ubomi ngokutsha? Kunjani ngawe, umyeni nenkosikazi enikhe naba se—nikhe nabaphandle ixesha elide, nixambula ekhayeni lenu? Awungekhe uze uyilungise loo nto noThixo kunye nomnye ngoku? Nenze iPasika ibe yiPasika yenene kuni, qalani ikhaya elitsha.

130 Uthini ngawe ongazange ubekho, ungazange ube nomthandazo ekhayeni lakho, usuka nje ugoduke ukumka ecaweni uze uzame ukuphila ngokungcono onako, ungaze udibanise usapho luthandaze? Yiyo loo nto sinobunjubaqa bolutsha kunye nezinto esinazo. Yiyo loo nto amakhaya aseMelika eqhekekile. Awunakuza, uqale ngokutsha ngokuhlwanje? Ungayenza? Umenyiwe. Khumbula,

ndingumlungiseleli wenu ngoku; Ndiya kuba lingqina ngaloo mini.

Ngeli thuba sithobile iintloko zethu, ngoko, ngoku ukwenzela umthandazo.

131 Bawo wethu waseZulwini oSikelelekileyo, ngobubusuku sizisa kuWe aba baphulaphuli, ngesona sidima singcwele esisaziyo ukuba njani. Sisondela ngokuthobekileyo kwiTrone Yakho. Kwaye emva koMyalezo ngokuhlwanje, ukuba, laa mngcwabo mkhulu, Akazange alale athule, umphefumlo Wakhe waya ngqo kwimimandla waza wawugqiba umsebenzi kaThixo, awayewumiselwe ukuba awenze. Kwaye ngomso kusasa, sifumana apho Wangena khona kwiindawo ezingasentla, esoyisa yonke into, eluvukweni Lwakhe. Kodwa Waphuma ngentsasa yePasika ukwenzela ukugwetyelwa kwethu. Kwaye sifumanisa ukuba Wathumela uMoya oyiNgcwele emva, ukuza kubohlwaya abantu ngesono.

132 Kwaye siyathandaza ngobubusuku, Nkosi, ukuba abo bathe baphakamisa izandla zabo babe nokukhunjulwa phambi Kwakho. Sanga isigqibo sabo singaphuma entliziyweni yabo ngobubusuku, sokuba bakwamkele Wena, kwaye bakholwa nguWe, kwaye banga bangatywinelwa kude ngeTywina ledinga ngokuhlwanje, uMoya oyiNgcwele. Siphe oko, Bawo. Kuba, sibanikela kuWe, ngalo Myalezo ngokuhlwanje. Wanga Ungabasikelela abo baWuvileyo, abo, Nkosi, abayakuWuthabatha bawese emakhayeni abo, baze baWutshonise nzulu ezintliziyweni zabo. Banga bangaphila ngeLizwi likaThixo. Siphe oko, Bawo, kuba sikucela eGameni likaKristu. Amen.

